

INcwadana yoHlolo







IBANGA

3

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 3





INcwadana yoHlolo

IBANGA 3 | IKOTA 3

ISIXHOSA

Iziqulatho

IKOTA 3 ISISHWANKATHELO	1
IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT	2
IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO	12
IKOTA 3 INKQUBO YOHLOLO	14




IKOTA 3

Isishwankathelo

Le ncwadana iqulethe uvavanyo lokufunda ngotyibiliko kunye nenkqubo yohlolo yeKota 3.

Nceda ukhumbule ukuba iNcwadana yoHlolo lweKota 1 & 2 iqulethe amaphetshana okurekhoda oFVT. Ikwaqulethe imiyalelo yendlela yokuhlalelwa kwezi mvavanyo nendlela yokusebenzisa iziphumo.





IKota 3 IimVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.A

Ikopi katitshala

60 izandi / 60 imizuzwana

a	u	e	z	g	5
w	p	T	X	C	10
o	i	F	L	Q	15
W	y	d	p	b	20
A	l	R	s	I	25
w	k	E	j	D	30
t	d	U	j	n	35
f	O	p	w	q	40
qh	bh	th	ch	g	45
N	F	T	K	W	50
ng'	dl	C	ng	J	55
Z	xh	P	gq	Z	60

IBANGA 3 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.A

Ikopi yomfundi

60 izandi / 60 imizuzwana

a	u	e	z	g
w	p	T	X	C
o	i	F	L	Q
W	y	d	p	b
A	I	R	s	I
w	k	E	j	D
t	d	U	j	n
f	O	p	w	q
qh	bh	th	ch	g
N	F	T	K	W
ng'	dl	C	ng	J
Z	xh	P	gq	Z

IBANGA 3 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.B

Ikopi katitshala

60 amagama / 60 imizuzwana

umile	lola	eli	nali	tata	5
sisusa	isiselo	isikolo	balele	ubaliwe	10
yalela	uyagoduka	uyagodola	edamini	bulela	15
ishwangusha	wachwechwa	intyabontyi	ing'ang'ane	bambelela	20
phambili	elizweni	isizukulwana	idwala	intengiso	25
intwala	pholisa	izihlangu	iswekile	intente	30
ibhanana	impumlo	ilula	nenani	umlomo	35
tywatyusha	tyibilika	ingqwathi	umnqamlezo	isithukuthezi	40
umbhobho	imfama	nqanda	uyagula	uludwe	45
ufuna	ufumene	yolula	ibolile	lilo	50
eqongeni	inkqwithelo	iyatsarha	qhubeka	intwazana	55
kruneka	ilizwe	ixhego	inkxaso	ithanga	60

IBANGA 3 | IKOTA 3 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.B

Ikopi yomfundi

60 amagama / 60 imizuzwana

umile	lola	eli	nali	tata
sisusa	isiselo	isikolo	balele	ubaliwe
yalela	uyagoduka	uyagodola	edamini	bulela
ishwangusha	wachwechwa	intyabontyi	ing'ang'ane	bambelela
phambili	elizweni	isizukulwana	idwala	intengiso
intwala	pholisa	izihlangu	iswekile	intente
ibhanana	impumlo	ilula	nenani	umlomo
tywatyusha	tyibilika	ingqwathi	umnqamlezo	isithukuthezi
umbhobho	imfama	nqanda	uyagula	uludwe
ufuna	ufumene	yolula	ibolile	lilo
eqongeni	inkqwithelo	iyatsarha	qhubeka	intwazana
kruneka	ilizwe	ixhego	inkxaso	ithanga

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.C

Ikopi katitshala

Izicatshulwa zokufunda / 60 & 180 imizuzwana

NgoMvulo, uLuvo wathatha ibhegi yesikolo waya esikolweni. Wayevuyela ugqatso lwangoLwesihlanu kangangokuba wakushiya ukutya kwakhe.	6 10 14
Ngexesha lekhefu, isisu sikaLuvo sakhala ngamandla. Wahlala yedwa phantsi komthi wabukela abanye abantwana besitya.	20 26 28
Umhlobo wakhe osenyongweni uNdalo wambona ekhathazekile. “Kuphi ukutya kwakho?” wabuza.	33 38
“Ndikushiye ekhaya,” wasebeza watsho uLuvo. Izidlele zakhe zavakala zishushu.	44 47
UNdalo waqhekeza isonka, wampha neapile.	52
Yayilixesha logqatso. Bema emgceni. Xa kukhala impempe, uLuvo wabaleka ngesantya esiphezulu.	58 63
Weva isikhalo, kanti nguNdalo ukhubeke elityeni wawa. Idololalisopha.	70 72
Wamncedisa uNdalo ukuba aphakame, bacothoza ukuya entanjeni. Babengabokugqibela ukufika, kodwa abantwana babancoma.	78 83 84
Ebusuku uLuvo wabalisa ngogqatso. Utata wakhe wathi, “Awuphumelelanga, kodwa ufumene eyona nto ingcono.”	91 97
Wancuma uLuvo. Wayesazi ukuba utata wakhe uthetha ukuthini.	104 105



U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.C

Ikopi yomfundi

NgoMvulo, uLuvo wathatha ibhegi yesikolo waya esikolweni. Wayevuyela ugqatso lwangoLwesihlanu kangangokuba wakushiya ukutya kwakhe.

Ngexesha lekhefu, isisu sikaLuvo sakhala ngamandla. Wahlala yedwa phantsi komthi wabukela abanye abantwana besitya.

Umhlobo wakhe osenyongweni uNdalo wambona ekhathazekile. “Kuphi ukutya kwakho?” wabuza.

“Ndikushiye ekhaya,” wasebeza watsho uLuvo. Izidlele zakhe zavakala zishushu.

UNdalo waqhekeza isonka, wampha neapile.

Yayilixesha logqatso. Bema emgceni. Xa kukhala impempe, uLuvo wabaleka ngesantya esiphezulu.

Weva isikhalo, kanti nguNdalo ukhubeke elityeni wawa. Idololalisopha.

Wamncedisa uNdalo ukuba aphakame, bacothoza ukuya entanjeni. Babengabokugqibela ukufika, kodwa abantwana babancoma.

Ebusuku uLuvo wabalisa ngogqatso. Utata wakhe wathi, “Awuphumelelanga, kodwa ufumene eyona nto ingcono.”

Wancuma uLuvo. Wayesazi ukuba utata wakhe uthetha ukuthini.

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.D

Ikopi yomfundi: Ingqiqo nokuqonda ebhaliweyo

Phawula impendulo echanekileyo

1. **Yintoni awayishiya ekhaya uLuvo?**
 - a. *ibhegi yesikolo*
 - b. *isidlo sakhe sasemini*
 - c. *izihlangu zokubaleka*
2. **UNdalo wamnika ntoni uLuvo?**
 - a. *isonka neapile*
 - b. *ijusi namandongomane*
 - c. *amanzi okusela*
3. **Kweli bali uNdalo uncede uLuvo, emva koko uLuvo wanceda uNdalo. Isibonisa ntoni le nto ngobuhlobo?**
 - a. *Bancedana xa befuna inzuzo.*
 - b. *Bancedana ngeengxaki.*
 - c. *Bathanda ugqatso ngaphezu kwesidlo sasemini.*
4. **Ucinga ukuba uLuvo wenza kakuhle xa wayeka ukunceda uNdalo?**
 - a. *Ewe, kuba ukunceda kubaluleke ngaphezu kokuphumelela.*
 - b. *Hayi, kuba kwakungafanelanga aphumelele ugqatso.*
 - c. *Hayi, kuba uNdalo wayefuna aphumelele uLuvo*
5. **Sifunda ntoni kweli bali?**
 - a. *Ukunceda umhlobo kuko okubalulekileyo.*
 - b. *Masijonge apho sihamba khona.*
 - c. *Masiziphathele ukutya esikolweni.*

Gqibezela iimpendulo

6. **Lwalungolwesingaphi olu gqatso?**
Lwalungo _____.
7. **Kwakutheni ukuze uNdalo awe?**
UNdalo wawa kuba _____.
8. **Ucinga ukuba kutheni izidlele zikaLuvo zaba shushu xa wayethetha noNdalo?**
Ndicinga ukuba zaba shushu kuba _____.
9. **Ucinga ukuba uLuvo wayenamendu?**
Ndicinga ukuba wayenamendu / engenamendu kuba _____.
10. **Ucinga ukuba utata wakhe wayethetha ukuthini xa esithi “ufumene eyona nto ingcono”?**
Ndicinga ukuba _____
_____.
11. **Ucinga ukuba utata kaLuvo ngutata olungileyo okanye ongalunganga?**
Ungutata olungileyo / ongalunganga kuba _____

_____.

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 3.3.D

Ikopi katitshala: Inggqiqo nokuqonda ebhaliweyo

Phawula impendulo echanekileyo (5 amanqaku)

1. **Yintoni awayishiya ekhaya uLuvo?**
 - a. *ibhegi yesikolo*
 - b. *isidlo sakhe sasemini* ✓
 - c. *izihlangu zokubaleka*
2. **UNdalo wamnika ntoni uLuvo?**
 - a. *isonka neapile*
 - b. *ijusi namandongomane*
 - c. *amanzi okusela* ✓
3. **Kweli bali uNdalo uncede uLuvo, emva koko uLuvo wanceda uNdalo. Isibonisa ntoni le nto ngobuhlobo?**
 - a. *Bancedana xa befuna inzuzo.*
 - b. *Bancedana ngeengxaki.* ✓
 - c. *Bathanda ugqatso ngaphezu kwesidlo sasemini.*
4. **Ucinga ukuba uLuvo wenza kakuhle xa wayeka ukunceda uNdalo?**
 - a. *Ewe, kuba ukunceda kubaluleke ngaphezu kokuphumelela.* ✓
 - b. *Hayi, kuba kwakungafanelanga aphumelele ugqatso.*
 - c. *Hayi, kuba uNdalo wayefuna aphumelele uLuvo*
5. **Sifunda ntoni kweli bali?**
 - a. *Ukunceda umhlobo kuko okubalulekileyo.* ✓
 - b. *Masijonge apho sihamba khona.*
 - c. *Masiziphathele ukutya esikolweni.*

Gqibezela iimpendulo (10 amanqaku)

6. **Lwalungolwesingaphi olu gqatso?**
Ugqatso lwalungolwesihlanu. (1 inqaku)
7. **Kwakutheni ukuze uNdalo awe?**
UNdalo wawa kuba wakhubeka elityeni. (1 inqaku)
8. **Ucinga ukuba kutheni izidlele zikaLuvo zaba shushu xa wayethetha noNdalo?**
Impendulo yomfundi, umzekelo:
Ndicinga ukuba zaba shushu kuba weva ngathi lihlazo ukungabinakutya.
Waziva eneentloni ukuxela ukuba akanakutya.
(2 amanqaku)
9. **Ucinga ukuba uLuvo wayenamendu?**
Impendulo yomfundi, umzekelo:
Ndicinga ukuba wayenamendu kuba wayebaleka ngesantya esiphezulu.
Wayengenamendu kuba zange azame ukubafumana abanye.
(2 amanqaku)

10. Ucinga ukuba utata wakhe wayethetha ukuthini xa esithi “ufumene eyona nto ingcono”?

Impendulo yomfundi, umzekelo:

Ndicinga wayethetha ukuba uphumelele ngenxa yokukhathalela umhlobo wakhe.

Ndicinga ukuba wafumana intlonipho kuNdala nakwiklasi yonke.

(2 amanqaku)

11. Ucinga ukuba utata kaLuvo ngutata olungileyo okanye ongalunganga?

Impendulo yomfundi, umzekelo:

Ndicinga ukuba uLuvo unotata olungileyo kuba ufundisa uLuvo ngokubaluleka bokuba ngumhlobo olungileyo.

Ndicinga ukuba uLuvo unotata ongalunganga kuba bekufanele amxelele ngokubaluleka kokuphumelela ugqatso.

(2 amanqaku)



IKota 3 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 3 IKota 3

Ifomu yohlalutyo

Izandi 3.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 3.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
a			umile		
u			lola		
e			eli		
z			nali		
g			tata		
w			sisusa		
p			isiselo		
T			isikolo		
X			balele		
C			ubaliwe		
o			yalela		
i			uyagoduka		
F			uyagodola		
L			edamini		
Q			bulela		
W			ishwangusha		
y			wachwechwa		
d			intyabontyi		
p			ing'ang'ane		
b			bambelela		
A			phambili		
I			elizweni		
R			isizukulwana		
s			idwala		
I			intengiso		
w			intwala		
k			pholisa		
E			izihlangu		
j			iswekile		
D			intente		

IBANGA 3 | IKOTA 3 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 3 IKota 3 IFomu yoHlalutyo					
Izandi 3.3.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke	Amagama 3.3.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
t			ibhanana		
d			impumlo		
U			ilula		
j			nenani		
n			umlomo		
f			tywatyusha		
O			tyibilika		
p			ingqwathi		
w			umnqamlezo		
q			isithukuthezi		
qh			umbhobho		
bh			imfama		
th			nqanda		
ch			uyagula		
g			uludwe		
N			ufuna		
F			ufumene		
T			yolula		
K			ibolile		
W			lilo		
ng'			eqongenni		
dl			inkqwithelo		
C			iyatsarha		
ng			qhubeka		
J			intwazana		
Z			krunka		
xh			ilizwe		
P			ixhego		
gq			inkxaso		
Z			ithanga		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 3 IKOTA 3

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 3:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Unika iingcebiso ngeendlela zokusombulula ingxaki, ngakumbi iingxaki zegama kwizibalo. Ubalisa ibali elinentshayelelo, isiqu nesiphelo.
 Izandi	Upela amagama ngokuchanekileyo esebenzisa ulwazi lwezandi kuvavanyo olungekho sesikweni, kubizelo nakumsebenzi wonke obhalwayo.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe. Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo. Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda. Uphulaphulela ukuthatha inxaxheba ngetekisi kwaye: • Uphendula imibuzo ngqo • Wenza uqikelelo • Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo • Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo • Wenza uhlolo
 Ukubhala ngesandla	Ukhuphela itekisi ebhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi omsebenzi, ngokuchanekileyo, ethathela ingqalelo ekubunjweni koonobumba ngokuchanekileyo kunye nezithuba phakathi kwamagama xa kudityaniswa okanye kubhalwa ngokudibanisa.
 Ukubhala	Ubhala itekisi yakhe kwiimo ezahlukileyo; ungeniso kwidayari, ileta eya kwisizalwane, inkcazelo. Ukusetyenziswa kolwimi, ukwakhiwa kwesivakalisi, uphawu lobhalo, amaxesha, izihlanganisi.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo ZO-FVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Ubalisa ibali elinentshayeleyo, isiqu nesiphelo.

Unika iingcebiso ngeendlela zokusombulula ingxaki, ngakumbi iingxaki zegama kwizibalo.

Umsebenzi 1

- Qaphela ukuthatha inxaxheba kwabafundi ngexesha lezibalo.
- Kwikota yonke, biza wonke umfundi abelane ngesisombululo sengxaki yegama.

Umsebenzi 2

- Yenza oku ngezifundo zokuPhulaphula nokuThetha ngoLwesthathu kwiiVeki 2, 4, neye6.
- Sebenzisa izicwangciso zesifundo zeNHLRP kunye nemifanekiso yobugcisa bokubalisa amabali ekwiNcwadi yokuFunda enguNdoqo yeNHLRP.
- Xelela abafundi ukuba xa bebalisa ibali, maba:
 - Balise ibali ngolandelelwano oluchanekileyo: kwaqala kwenzeka ntoni, kwalandela ntoni kwagqibela ntoni.
 - Babize izinto kube kanye: bangaphindaphindi.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izisombululo kwiingxaki zegama	Umfundi utsala nzima ukwabelana ngesisombululo sengxaki yegama, naxa exhaswa ngutitshala.	Umfundi wabelana ngesisombululo sengxaki yegama xa kubizwe yena.	Umfundi usoloko enika izisombululo zeengxaki zegama engacelwanga. Umfundi ngamanye amathuba uyathandabuza okanye aphinde into esele ithethiwe.	Umfundi usoloko enika izisombululo zeengxaki zegama engabuzwanga. Umfundi uthetha ngokuzithemba nangokutyibilika.
Ubume nokulandelelana	Umfundi ubalisa amasuntswana ebali ngokulandelelana kwawo ngendlela engeyiyo.	Umfundi ubalisa inxalenye yebali ngolandelelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa inkoliso yebali ngolandelelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa ibali ngokulandelelana kwalo ngokuchanekileyo.
Ukubalisa ibali: Utyibiliko	Umfundi uthandabuza qho, unqumama ithuba elide, okanye aphindaphinde inkoliso yoko sekuthethiwe.	Umfundi uyathandabuza ngamanye amaxesha, ngamanye anqumame, okanye aphindaphinde inxalenye yoko sekuthethiwe.	Intetho yomfundi iyatyibilika ubukhulu becala, ngamanye amaxesha uyathandabuza, anqumame okanye aphindaphinde ka1 okanye 2.	Intetho yomfundi iyatyibilika kwaye uzithembile.



Izandi

Upela amagama ngokuchanekileyo esebenzisa ulwazi lwezandi kuvavanyo olungekho sesikweni, kubizelo nakumsebenzi wonke obhalwayo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwiiVeki 2–7 ngexesha lezifundo zezandi.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Hlola uvavanyo lopelo nobizelo lweveki nganye njengoku kulandelayo:
 - a. Nika 1 inqaku ngegama ngalinye kwamahlanu apelwe ngokuchanekileyo. (ubuninzi: 5)
 - b. Qala nge7 samanqaku ngesivakalisi sobizelo. Thabatha 1/2 inqaku ngempazamo nganye. (ubuninzi: 7)
 - c. Rekroda iziphumo zeveki nganye zomfundi ngamnye kumanqaku anokuwafumana ali12 ewonke.

Ukubala iziphumo zekota

- Dibanisa iziphumo zomfundi ngamnye zeemvavanyo ezi6 zizonke.
- Yahlula nge6 ukufumana umyinge womfundi.
- Ngasekupheleni kwekota, jongisisa incwadi yomfundi ngamnye yokubhala, uqaphela upelo lwabo, kuyo yonke imisebenzi ebhaliweyo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Umyinge weziphumo zopelo nobizelo lweveki	0–3 amanqaku	4–6 amanqaku	7–9 amanqaku	10–12 amanqaku
Ukusetyenziswa ngoku-chanekileyo kwezandi nobizelo kuyo yonke imisebenzi ebhaliweyo.	Umfundi usoloko esenza iimpazamo zopelo kwaye ambalwa amagama asetyenzisiweyo kumsebenzi obhaliweyo.	Umfundi usoloko esenza iimpazamo okanye ambalwa amagama asetyenziswe kumsebenzi obhaliweyo.	Umfundi usebenzisa amagama anelisayo kumsebenzi obhaliweyo. Ezinye iimpazamo zopelo ziyabonakala.	Umfundi usebenzisa amagama amaninzi kumsebenzi obhaliweyo. Iimpazamo zopelo kunqabile ukuzibona.



Ukufunda

Ufunda incwadi ngokuvakalayo kumgangatho wakhe.

Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo, izandi nezakhono zokudikhowuda zohlalutyo lomxholo nolwakhiwo.

Uyaziqaphela xa efunda, kuzo zombini ezi ndawo, ukuqonda igama kunye nengqiqo nokuqonda.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT lweNHLRP: 3.3.C
- Biza abafundi ngabanye ngabanye ukugqibezela uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Bhala iziphumo zomfundi ZO-FVT kwiphepha lokurekhoda.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Izakhono zokudikhowuda	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kakhulu kwimiGaqo kaZwelonke yokuFunda eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT angaphantsi kancinci kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi oFVT afikelele kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.	Amanqaku omfundi adlulile kwimiGaqo yokuFunda kaZwelonke eMiselweyo.
Ukuqaphela izakhono zokufunda	Umfundi akakwazi ukuqaphela ukufunda kwakhe.	Umfundi umana enqumama afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi unqumama rhoqo afunde kwakhona igama okanye isivakalisi esenzela ukuzilungisa okanye ukuzuza ukuqonda.	Umfundi ufunda ngokutyibilika. Apho atsala nzima khona, uyaziqonda aze azilungise kwangoko.



Inggqiqo nokuqonda

Uphulaphulela ukuthatha inxaxheba ngetekisi kwaye:

- Uphendula imibuzo ngqo
- Wenza uqikelelo
- Ucwangcisa kwakhona iziganeko ngolandelelwano oluchanekileyo
- Uthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi olunikiweyo
- Wenza uhlolo

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota (Ukufunda ngamaQela aNcediswa nguTitshala).
- Sebenzisa uvavanyo loFVT 3.3D (ingqiqo nokuqonda ebhaliweyo) kulo msebenzi.
- Yenzela abafundi iikopi zovavanyo.
- Qinisekisa ukuba uqale wazigqiba iimvavanyo 3.3 C ZO-FVT nabafundi bonke.
- Fundela abafundi ngokuvakalayo itekisi 3.3 C yoFVT.
- Funda imibuzo ngokuvakalayo uze ucacise ngendlela emayiphendulwe ngayo.
- Ekupheleni kwesifundo, qokelela amaphepha abafundi ulungiselele ukumakisha.
- Sebenzisa imemorandam oyinikiweyo njengenxalenye yoVavanyo loFVT kwiNcwadi yoHlolo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Kukonke / Zizonke	INQANABA
1 – 2	1
3 – 4	2
5 – 6	3
7 – 8	4



Ukubhala ngesandla

Ukhuphela itekisi ebhalwe ebhodini, ezincwadini, amakhadi omsebenzi, ngokuchanekileyo, ethathela ingqalelo ekubunjweni koonobumba ngokuchanekileyo kunye nezithuba phakathi kwamagama xa kudityaniswa okanye kubhalwa ngokudibanisa.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Xa kuza kuphela ikota, jonga iincwadi zabafundi ujonge inkqubela yabo yokubhala ngesandla.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 3 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukubunjwa koonobumba	Abanye oonobumba bakhiwe kakubi okanye ngokunga-chanekanga.	Uninzi loonobumba lwakhiwe kakubi okanye alubhalwanga kakuhle.	Oonobumba bakhiwe kakuhle kodwa kunokuqatshelwa ukubukeka.	Oonobumba bakhiwe ngokuchanekileyo kwaye bayabukeka.
Ukungaguquki kobukhulu boonobumba	Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama abungqinelani.	Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama abungqinelani ngamanye amaxesha.	Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama buyangqinelana ubukhulu becala.	Ubungakanani bamagama kunye nezithuba phakathi kwamagama buyangqinelana.



Ukubhala

Ubhala itekisi yakhe kwiimo ezahlukileyo; ungeniso kwidayari, ileta eya kwisizalwane, inkcazelo. Ukusetyenziswa kolwimi, ukwakhiwa kwesivakalisi, uphawu lobhalo, amaxesha, izihlanganisi.

Umsebenzi

- Hlola abafundi ikota yonke, uqaphela oku kulandelayo:
 - IiVeki 3-4**
Uhlobo lombhalo: Ileta
Ukusetyenziswa koLwimi: Iziphumlisi
 - IiVeki 5-6**
Uhlobo lombhalo: Umbhalo ochazayo
Ukusetyenziswa koLwimi: Iziphawuli
 - IiVeki 7-8**
Uhlobo lombhalo: Ungeniso kwidayari
Ukusetyenziswa kolwimi: Izihlanganisi
- Kuyo yonke imisebenzi yobhalo, nika ingqalelo ekusetyenzisweni kokwakhiwa kwesivakalisi, iimpawu zokubhala kunye nexesha.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ekupheleni kwezifundo zangoLwesihlanu zeVeki 2, 4, 6 ne8, qokelela iincwadi zabafundi ulungiselela uhlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 3 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukubhalwa kongeniso lwedayari	Umfundi uhlangabezana nemingeni ecacileyo ngesakhiwo, ithoni kunye nomxholo wongeniso kwidayari.	Umfundi uhlangabezana nemingeni ethile ngesakhiwo, ithoni kunye nomxholo wongeniso kwidayari.	Umfundi uhlangabezana nemingeni ethile ngesakhiwo kumba omnye wongeniso kwidayari, isakhiwo, ithoni nomxholo.	Umfundi uyincutshe kwisakhiwo, ithoni nomxholo wongeniso kwidayari.
Ukubhalwa kweleta	Umfundi uhlangabezana nemingeni ecacileyo ngesakhiwo, ithoni kunye nomxholo weleta.	Umfundi uhlangabezana nemingeni ethile ngesakhiwo, ithoni nomxholo.	Umfundi uhlangabezana nemingeni ethile kumba omnye weleta, isakhiwo, ithoni kunye nomxholo.	Umfundi uyincutshe kwisakhiwo, ithoni kunye nomxholo weleta.
Ukubhala inkcazelo	linkcazelo zomfundi ziyaqikeleleka kwaye azibonisi buchule bakuyila.	linkcazelo zomfundi ziyaqikeleleka ngamanye amaxesha kwaye azibonisi buchule bakuyila. Kodwa, ezinye iinkcazelo ziyathembisa.	linkcazelo zomfundi ziyathembisa kwaye ezininzi zinika umdla kwaye zibonisa ubuchule bokuyila.	linkcazelo zomfundi zinika umdla kwaye zibonisa ubuchule bokuyila.
Ukwakhiwa kwesivakalisi nokusetyenziswa kwezihlanganisi	Umfundi wenza iimpazamo eziphinda-phindwayo malunga nesakhiwo sesivakalisi. Mncinane okanye awukho umzamo owenziweyo ukusebenzisa izihlanganisi.	Umfundi wenza iimpazamo ezithile ezinxulumene nesakhiwo sesivakalisi. Umfundi uzama ukusebenzisa izihlanganisi ngamanye amaxesha, nangona kusenokubakho iimpazamo.	Umfundi wenza iimpazamo ngamathuba athile ezibhekiselele kulwakhiwo lwesivakalisi. Umfundi uqala ukuphumelela ekubandakanya ukusetyenziswa kwezihlanganisi kumbhalo wakhe.	Umfundi wakha zonke izivakalisi ngokuchanekileyo. Umfundi uyaphumelela ukubandakanya ukusetyenziswa kwezihlanganisi kubhalo lwakhe.

IBANGA 3 | INKQUBO YOHLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Iimpawu zokubhala	Umfundi utsala nzima ukusebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, nkqu nangenkxaso.	Umfundi usebenzisa oonobumba abakhulu kunye nezingxi ngoku-chanekileyo, kodwa utsala nzima ngezinye iimpawu zokubhala.	Umfundi uqhele ukusebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.	Umfundi ngamathuba amaninzi usebenzisa zonke iimpawu zokubhala ezifundisiweyo ngoku-chanekileyo.
Ukusetyenziswa kwexesha	Umfundi utsala nzima ukusebenzisa ixesha ngoku-chanekileyo nangoku-ngatshintshiyo.	Umfundi wenza iimpazamo ezithile ezibhekiselele kwixesha.	Umfundi wenza iimpazamo ezibhekiselele kwixesha ngmanye amaxesha.	Umfundi usebenzisa ixesha ngoku-chanekileyo nangoku-ngatshintshiyo.

